Thusano trust

# Ukuphendula imibuzo yakho

## Yintoni eyenzekayo elandelayo? Emva komhla omisiweyo wokhetho, de ibe yintlawulo

Gold Fields | we are one Sibanye Stillwater

Siyabulela kubaxhamli abaninzi abathathe ithuba lokukhetha indlela abafuna ukuzifumana ngayo izabelo zabo, ngokuba nomonde emigceni kunye nokunika ulwazi ebenicelwe lona.

Sibulela kananjalo indlela owabelene ngalo ngolwazi noogxa bakho bangaphambili nabangoku ukuqinisekisa ukuba abo kungakhange kufikelelwe kubo ngamajelo bayazi kananjalo ngokufumaneka kwezabelo kwiTrasti yeThusano.

**Njengoko kuxeliwe - iintlawulo zia kwenziwa ngoMatshi ka-2026**

## Omnye wemibuzo emikhulu ngulo: 'Kwenzeka ntoni ngoku?'

Nceda uqhubeke ufunde ngeempendulo.

### 1 Kuza kwenzeka ntoni ukuba andilwenzanga ukhetho lwam ngomhla omisiweyo?

**Izabelo zakho ziza kuthengiswa kwaye wena uza kufumana ixabiso lazo emva kokuba kutsalwe irhafu nemali ehlawulwayo.**

Njengoko kuxeliwe, ithuba lokhetho ibilithuba lokuba abaxhamli babe nezwi kwindlela abafuna ukuzifumana ngayo izabelo zabo, kuquka ukukwazi ukwenza ukuba zithengiswe ize inzuzo ihlawulwe iyikheshi emva kokutsalwa kwerhafu nemali ehlawulwayo, okanye bagcine izabelo zabo kwaye bazikhuphe kwiTrasti yeThusano bazise kwiakhawunti yabo yotyalomali olukhethekileyo emva kokutsalwa kwerhafu nemali ehlawulwayo. Le kufuneka ixelwe kwiTrasti yeThusano oko kusenziwa nge-JIS okanye u-TEBA ngomhla omisiweyo wama-22 Novemba 2025.

Uninzi (66.41%) lwabaxhamli lukhethe ukufumana izabelo lwazo ziyintlawulo.

### 2 Ndazi kanjani ukuba ukhetho lwam lufakiwe ngomhla omisiweyo?

**Inokuba ufumene iZaziso zoKhetho loRhwebho kwidilesi yakho yeimeyile emva kokuba lurekhodiwe ukhetho lwakho, ziqinisekisa isicelo sokhetho.**

Abaxhamli basebenzise onke amajelo afumenekayo kubo ukwenza ukhetho lwabo. La aquke ukutsalela umnxeba iziko leminxeba le-JIS; ukutyelela iiofisi zakwa-TEBA apho abenzeli babancedileyo ukufikelela kwiiprofayili zabo kwiphothali ye-JIS, ukuzingenela ngokwabo kwiiprofayili zabo besebenzisa iphothali ye-JIS; besebenzisa iiselula zabo ukwenza ukhetho lwabo; okanye bathumele i-imeyile kwi-JIS ukuyazisa ngokhetho lwabo. Ngamashumi amawaka abaxhamli besebenzise la majelo, abathile banokuba bafumene iimpendulo ezicothayo, kodwa i-JIS ilufake lonke ukhetho obelwenziwe ngala majelo ngomhla omisiweyo.

# Ukuphendula imibuzo yakho

*Kusaqhuba.*

## 3 Kwenzeka ntoni ukuba nditshintsha ingqondo yam malunga nendlela endifuna ukuzifumana ngayo izabelo zam?

Ngelishwa, alukho utshintsho olunokwenziwa ngoku njengokuba sowudlulile umhla obumisiwe. Unako, kakade, ukwenza isigqibo ngendlela ofuna ukuyisebenzisa ngayo intlawulo yakho (ukuba yinto oyikhethileyo leyo) ukuthenga izabelo kwakhona ngomrhwebi wakho ngezabelo (ukuba ngaba ukhetha ukuzidlulisa). ITrasti yeThusano ikhuthaza abaxhamli ukuba benze izigqibo ezifanelekileyo malunga nentlawulo zabo kuquka ukusebenzisa iiakhawunti zolondolozo nezotyalomali eziza kwenza ukuba ukhulise imali yakho.

## 4 Yimalini endiza kuyifumana ebhankini?

**Oku kuza kuxhomekeka kwezi zinto:**

a) **Zizabelo ezingaphi ozinikwe yiGold Fields neSibanye-Stillwater.** Ungaqhagamshelana ne-JIS ngesiteyitimenti sokuba zizabelo ezingaphi onazo

b) **Ixabiso eliphakathi ezithengiswa ngalo izabelo.** ITrasti yeThusano ithengisa izabelo phambi kokuba kuphele ixesha elithile, ukuqala ngomhla wokufumaneka kwazo we-1 Disemba 2025 kwaye kuphele ekupheleni kukaFebruwari 2026. Ezi ntengiso zenziwa ngeebhetshi ngabarhwebi ngezabelo abanobugcisa ngamaxabiso awohlukeneyo ngeentsuku ezohlukeneyo, kodwa zakube zithengisiwe izabelo zokugqibela, bonke abaxhamli baza kufumana ixabiso elifanayo lentengiso, eliza kuba yiavareji yamazinga ezithengiswe ngawo izabelo.

c) **Irhafu ekufuneka itsalwe.** Isixa serhafu eza kutsalwa iza kuba ngokwemiyalelo ka-SARS, kwaye izixa ziza kohlukana ngokomxhamli nomxhamli.

d) **Imali ehlawulelwa ulawulo ekufuneka itsalwe.** Le kakhulu ibalwa njengepesenti yexabiso lezabelo.

## 5 Ndiyifumana nini le mali?

**Iintlawulo ziza kwenziwa ngosuku lokuqala lokusebenza ngoMatshi ka-2026, okuthetha uMvulo wowe-2 Matshi 2026, kwaye kunokuthatha intsuku ezimbalwa phambi kokuba ivele kwiakhawunti yakho yebhanki.**

Njengoko sitshilo: zizinto ezibalwa ekufuneka zenzeke phakathi komhla wokufumaneka wowe-1 Disemba 2025 kunye naxa kusenzeka iintlawulo nodluliso. Oku kuquka intengiso yezabelo; ukubalwa kunye nokutsalwa kwerhafu kunye nemali ehlawulwayo; kunye nentlawulo yerhafu kwiNkonzo yeRhafu yoMzantsi Afrika (South African Revenue Services) (SARS).

Ukongeza kwintlawulo, uza kufumana umyalelo wethafu (ukuba usaphangela eGold Fields okanye eSibanye- Stillwater) okanye isatifiketi serhafu se-IRP5 (ukuba udla umhlalaphantsi/ awuphangeli/uphangela kwenye indawo) kwi-JIS.


## 6 Yintoni enganditintela ekufumaneni intlawulo?

**Kukho iimeko ezithile ezingaphandle kolawulo lweTrasti yeThusano ezinokuthintela ukuba afumane intlawulo yakhe umxhamli. Nazi zicaciswa ezithile:**

| Isizathu | Ukuba ngaba awunikanga inkcukacha ezichanekileyo zebhanki | Ukuba ngaba awumanga kakuhle ku-SARS |
|---|---|---|
| **Kutheni ithintelwa intlawulo** | Intlawulo nganye kufuneka iye kwiakhawunti yebhanki eyeyomxhamli. Ngeke kwenzeke oko ukuba azikho/ azisebenzi iinkcukacha zeakhawunti yebhanki. | Ukuba ngaba umxhamli akazingenisanga iifomu zakhe zerhafu kunye /okanye akahlawulanga naziphi na izixa azibamba u-SARS kwaye akenzanga lungiselelo no-SARS lokukusombulula oku, u-SARS, ngokweCandelo 179(1) lomThetho woLawulo lweRhafu, wama-28 ka-2011, unokuqalisa iinkqubo zokuqokelela okanye athathe nayiphi na intlawulo efunyenwe kwiTrasti yeThusano ngokubhekisele kwityala lerhafu elingekahlawulwa. |
| **Kuza kwenzeka ntoni** | Intlawulo iza kuhlala kwiakhawunti yeTrasti yeThusano de zifumaneke iinkcukacha zeakhawunti yebhanki. | U-SARS unokuyalela iTrasti yeThusano ukuba ibambe izixa ezibanjwa u- SARS, ngoko ke umxhali unokungafumani ethile okanye yonke imali yakhe. |
| **Ilungiswa kanjani** | Ukuba ngaba awuyikanga i-JIS iinkcukacha zakho zokubhanka okanye awuqinisekanga ukuba iinkcukacha zakho zebhanki ezikwirekhodi zichanekile, qhagamshelana ne-JIS okanye u-TEBA ukubanika zona. | Khangela ku-SARS (okanye kwisiteyitimenti seakhawunti yakho yeRhafu yeNgeniso kwi-e-filing) ukuba akukho sixa usibambayo na okanye iifomu zerhafu obabamba zona na. Ukuba ngaba uqhagamshelana, okanye uya kwiofisi ekufutshane ka-SARS kwaye wenze ulungiselelo lokuhlawula oko ukubambayo. |

# Ukuphendula imibuzo yakho

*Kusaqhuba.*



## Indlela yokuqhagamshelana no-SARS

Yiya ku www.sars.gov.za
Inombolo yeZiko loQhagamshelwano le-SARS: 0800 00 7277
KwiiNtsuku zeVeki, 08:00 ukuya kweye-16:00
Ngaphandle koLwezithathu 9:00 ukuya kweye-16:00
Abatsala umnxeba kumazwe ngamazwe: +27 11 602 2093

## 7 Ndingumxhomekeki womxhamli oswelekileyo. Ndilifaka njani ibango lentlawulo?

**Kukho iimeko ezahlukahlukeneyo emazithathelwe ingqalelo. Nceda uqhubeke ufunde ngaleyo ingenayo kuwe.**

| Imeko | Yintoni ekufuneka uyenze |
|---|---|
| Kubalo lwenani lezabelo ebenazo umxhamli, intlawulo kunokwenzeka ibe ngaphantsi kwama-R250 000 | Qhagamshelana ne-JIS kwaye unike uXwebhu olusemThethweni lokuNika iMvume kunye namanye amaxwebu e-FICA empahla yongasekhoyo awohlukahlukeneyo. |
| Kubalo lwenani lezabelo ebenazo umxhamli / ixesha elide ebephangela ngalo eGold Fileds ukukhutshwa kwezabelo ngo-2010, intlawulo kunokwenzeka ibe ngaphezulu kwama-R250 000 | Fumana iLeta yoMabi Lifa kunye namanye amaxwebhu e-FICA empahla yongaSekhoyo awohlukahlukeneyo uze uwangenise kwi-JIS. |
| Ndiqondwa njengomxhomekeki womxhamli kwaye ndifumene izabelo ukususela ekusweleekeni kwakhe | Ukuba ngaba azikatshintshi iinkcukacha zebhanki, akukho nyathelo lifunekayo ke.<br><br>Ukuba ngaba zitshintshile iinkcukacha, qhagamshelana ne-JSI ukuze uyinike amaxwebhu e-FICA eMpahla yongaseKhoyo. |
| Intlawulo yezabelo ihlawulwe kwiakhawunti yebhanki yomntu ongasekhoyo, kwaye ndinalo ufikelelo kule akhawunti | Akukho nyathelo lifunekayo ukuba ngaba isasebenza iakhawunti yebhanki.<br><br>Ukuba ngaba ivaliwe iakhawunti, qhagamshelana ne-JSI ukuze uyinike amaxwebhu e-FICA eMpahla yongaseKhoyo. |

**Qaphela:** Amaxwebu omThetho weZiko loPhando ngezeMali (Financial Intelligence Centre Act ) (FICA) aquka uxwebhu lwesazisi, ubungqina bendawo yokuhlala (obufana neakhawunti eboinisa idilesi ohlala kuyo)

---

## Khumbula ukuba ungaqhagamshelana ngolwazi nenkxaso ngeendlela ezilandelayo:

**Tsalela umnxeba i-JIS ku:** 086 125 5525 okanye 086 143 3659 ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu ukuqala ngeye-08:00 ukuya kweye-17:00 (Abenzeli banokunceda ngolwimi lwakho olukhethayo).

**I "Please Call Me":** Yithumele ku-083 680 0079 (uza kutsalelwa umnxeba kwiiyure ezingama-24 ngeentsuku zeveki)

**Ngaphandle kwaseMzantsi Afrika:** +27 11 713 0000 okanye Umyalezo obhaliweyo +27 83 680 0079 ukuze utsalelwe umnxeba

Utyelele iofisi yakho ekufutshane **yakwa-TEBA**

Yiya ku **www.thusanotrust.org**

